Isalathiso: 20170817-3979
12/2/1/2
Imibuzo: LR Abrahams

ISetyhula: 0035/2017
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2018

Iya: KumaSekela Balawuli – Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Kwaziswa izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ngamaxesha amisiweyo okwamkela abafundi kwizikolo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) nolawulo lwengcaciso engokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ukulungiselela u-* **2018/19**.

Isihloko: **Imihla namaxesha amisiweyo okwamkela abafundi kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nolawulo lwengcaciso engokwamkela kwabafundi ezikolweni ukulungiselela u-2018/19.**

1. Iyaqhubeka ukukhula qho ngonyaka imfuno yeendawo zokufunda ezikolweni eziseNtshona Koloni. Ukwenzela ukuba kulawulwe ngokuyimpumelelo ukwamkelwa kwabafundi ezikolweni, kucelwa izikolo zilandele la maxesha amisiweyo alandelayo okwamkela abafundi.

2. Le migaqo icaciswe kule setyhula isebenza kwizicelo ezifunyenwe ngo-**2018** zokwamkelwa kwabafundi kwizikolo zikarhulumente, ngo-**2019**.

2.1 Imihla efanayo yokwamkelwa kwabafundi yenza ukuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED)* lenze izicwangciso ngokuyimpumelelo ngokungaphezulu ukwenzela ukubonelela ngeeklasi, amanani ezithuba ezabelwe izikolo, ukuthengwa kwezibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa *(LTSM)* nezinye iinkqubo zemfundo zongenelelo ngoncedo *(systemic interventions),* ezifunelwa ukuqinisekisa ukuba izikolo zikulungele ukuqalisa kunyaka ngamnye.

2.2 Oku kwenza ukuba abazali abanqwenela ukwenza izicelo kwizikolo zaseNtshona Koloni babenako ukufikelela kule nkqubo ngokungaphezulu.

2.3 Ziyacelwa izikolo ukuba zilandele la maxesha amisiweyo alandelayo okwamkelwa kwabafundi eSebe i*WCED* **<u>naya kusebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo:</u>**

Umsebenzi	Umhla
Izikolo zifaka amanani obhaliso acwangcisiweyo kwi-*SAMI*.	01-07 Februwari 2018
Kuvuliwe ukwamkelwa kwezicelo zokufunda zabafundi (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo)	12 Februwari 2018
Kuvaliwe ukwamkelwa kwezicelo zabafundi zokufunda (kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo)	23 Matshi 2018
Kwaziswa abazali ngeleta ngesiphumo sesicelo	22 Juni 2018
Abazali bangqina ukuyamkela indawo yokufunda	23 Julayi 2018
Izikolo zizalisa iindawo ezikhoyo	KwiKota 3 ngo-2018
Izikolo zingqina amanani obhaliso	Emva kokusayinelwa kokupasa nokudlulela kwabafundi kwibakala elilandelayo

3. Ukuba abazali abakungqini ukuyamkela kwabo indawo yokufunda ungadlulanga **owe-23 Julayi 2018,** izikolo zinokuzinika iindawo zokufunda ezilolu hlobo abafundi abakuluhlu lokulinda okanye abanye abafundi abasafuna iindawo zokufunda**.**

4. Isikolo nakuba kunjalo masenze yonke imigudu yokwazisa abazali ngesi sigqibo phambi kokunika omnye umfundi indawo yokufunda.

5. **Ukufakwa kwengcaciso yokwamkelwa kwabafundi ngo-2018 kwisistim yeSebe iWCED (*School Admissions Management Information (SAMI) system))***

5.1 Niyacetyiswa ke ngoko ukuba kwimeko yokufaka isibheno sokungamkelwa komfundi (*an admissions appeal*), yembambano okanye yomngeni wezomthetho (*dispute or a legal challenge*), zinokucelwa izikolo zinike iinkcukacha zesicelo ezifana nokuba sasisingethwe nini na nanjani na isicelo eso. Kuya kuthi emva koko zithathwe ezi nkcukacha zikwisistim ye*SAMI* eliziko ledatha lengcaciso yokwamkelwa kwabafundi elisemthethweni leSebe i*WCED*.

5.2 Kufuneka izikolo ke ngoko zizifake **<u>ZONKE izicelo</u>** ezifunyenwe kwisistim i-*SAMI*.

5.3 Imihla emisiweyo yokufakwa kwengcaciso yokwamkelwa kwabafundi kwi*SAMI:*

5.3.1	I-*SAMI* ivulelwa ukufaka amanani obhaliso acwangcisiweyo:	01 Februwari 2018
5.3.2	Izikolo zisayinela amanani obhaliso acwangcisiweyo:	07 Februwari 2018
5.3.3	Abaphathi beeSekethe basayinela amanani obhaliso:	12 Februwari 2018
5.3.4	Izikolo zifaka **zonke izicelo** ezifunyenweyo: Izikolo zinako ukufaka izicelo ezifike mva kwikhompyutha nangaliphi na ixesha ukunceda abazali	12 Februwari – 20 Juni 2018
5.3.5	Izikolo zixela iziphumo zezicelo kwi*SAMI* ungadlulanga umhla we-:	22 Juni 2018
5.3.6	Izikolo zizalisa iindawo ezikhoyo:	KwiKota 3 ngo-2018
5.3.7	Izikolo zingqina amanani obhaliso:	Emva kokusayinelwa kokupasa nokudlulela kwabafundi kwibakala elilandelayo

5.4 Ifankshini ye*SAMI* kwikhompyutha ivelisa ilisti yabafundi abangekafakwa ezindaweni ize ichaze ukuba zeziphi na izikolo ezisenazo iindawo zokufunda ezifumanekayo ngethuba lokusingathwa kwesicelo.

5.5 Kubalulekile kakhulu ngoko ke ukuba izikolo zizifake ekhompyutheni yaye ziziqwalasele izicelo ingadlulanga imihla emisiweyo ukuqinisekisa ukuba amagosa anengcaciso echanekileyo kuwo eya kusetyenziselwa ukwazisa abazali ngeendawo zokufunda ezifumanekayo.

6. **Ukusombulula iimeko apho umfundi angayifumananga indawo yokufunda esikolweni**

Amagosa ezithili achaphazelekayo athwele uxanduva lolawulo lokwamkelwa kwabafundi ezikolweni, aya kukwazi ukufikelela kwiilisti zabafundi abangafakwanga ezindaweni *(unplaced learners*) nakwezo zendawo ezisafumanekayo ezikolweni kwizithili. La magosa aya kucelwa ukuba ancedise ekusombululeni iingxaki zokufakwa kwabafundi ezikolweni ngokuthethana nezikolo kwizithili nakwiisekethe zawo.

7. Ngenxa yokwanda kwemfuno yeendawo zokufunda ezikolweni, iSebe i*WCED* linethemba lokuba le migaqo iya kuzinceda izikolo nabazali. Sifuna ukubulela iinqununu, amabhunga olawulo namagosa ngenkxaso yawo ekufakeni bonke abafundi ezikolweni.

8. Yonke imibuzo emalunga noku kungentla ingabhekiswa ngqo kwigosa lesithili elichaphazelekayo.

9. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2017-09-13